



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo  
Provinsiale van die Oos Kaap: Departement van Onderwys  
Porafensie Ya Kapa Botjhabela: Lefapha la Thuto

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

### **IBANGA 12**

### **SEPTEMBER 2025**

### **ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: iiyure 2**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwaxhiwo lwezivakalisi.
9. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  
ICANDELO A: Imizuzu engama-50  
ICANDELO B: Imizuzu engama-30  
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

Funda IZICATSHULWA **A** no **B** ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

**ISICATSHULWA A****AMANDLA EZEMIDLALO**

- 1 Imidlalo idla ngokubonwa njengentshukumo yokuzonwabisa okanye imiboniso apho abalandeli bavuyela amaqela abo abawathandayo. Yindlela eluqilima yokuhlanganisa abantu, ukudiliza imiqobo exabe endleleni yempumelelo yabo, nokudala amathuba okuba wonke umntu athabathe inxaxheba kungajongwanga mvelaphi yakhe. Imidlalo ibonelela abantu abatsha ngamathuba amangalisayo okukhula komntu kunye nentlalo-ntle yakhe. Kulapho kuphuhla khona izakhono zobunkokheli zokuphatha iqela. Kuphuhle izakhono zokuqeqesha iqela, kuphuhle ukuzithemba, nalapho umntu athi afunde ukuthabatha uxanduva. 5
- 2 Ukuphumelela kwezemidlalo nokuba uphumelele itumente okanye uphucula nje ukusebenza kwakho, kufaka imvakalelo yokuphumelela enokuthi ingene kwezinye iinkalo zobomi, ukuze umntu oselula afunde ukusebenzisana kunye nokunyamezelana. Ukubandakanya abathathi-nxaxheba abavela kwiimvelaphi ezahlukeneyo kungakhathaliseki meko yantlalo-ntle, inkcubeko, okanye inkolo, ibalulekile ekukhuthazeni ubumbano loluntu ngemidlalo. Ngokwakha uluntu malunga namanyathelo ezemidlalo abandakanya abantwana, abantu abatsha, abazali, kunye nabamelwane, sidala indawo ebandakanyayo apho wonke umntu anokunxibelelana kwaye aphumelele. 15
- 3 Imidlalo ibalulekile ekwaphuleni imiqobo yesini kunye nokukhuthaza ukulingana ngokubonisa nabasetyhini ngamathuba okuthatha inxaxheba, ukukhuphisana, kunye nokukhokela. Njengoko abasetyhini begqwesa kwezemidlalo, bakhuthaza oontanga babo kwaye benze iqonga lonxibelelwano ngokulingana ngokwesini. Elona nyathelo libalaseleyo kulo mzamo yiProjekthi yeAdidas Breaking Barriers, enenjongo zokudiliza imida yabasetyhini kulo lonke elaseYurophu, ukulwela ilungelo lokulingana nokhuseleko kwezemidlalo. 25
- 4 Utat' uNelson Mandela wenza intetho ngonyaka wama-2000 malunga namandla ezemidlalo okumanyanisa isizwe, wathi "Imidlalo inamandla okutshintsha ihlabathi, okukhuthaza, nokumanya abantu, ithetha nolutsha ngolwimi abalugqondayo." Imidlalo ibonelela ngeqonga elikhulu lokwenza abahlobo kwiindawo zempilo. Emva kokuhlala egumbini lokufunda imini yonke, umdlalo uvumela abantwana babaleke, bafumane umoya omtsha ofuneka kakhulu kwimiphunga yabo. Imidlalo ikwenza ukuba uthobeke abo basemagunyeni. Ufunda indlela yokusebenza nabanye abantu. Ufunda indlela yokuhlanganisana njengabasombululi beengxaki. 35

- 5 Imidlalo inokuba nefuthe elihle kubomi bemihla ngemihla kunye nempilo yomntu. Kunciphisa umngcipheko wesifo seswekile kunye noxinzelelo lwengqondo. Kukho ubungqina obubambekayo obubonisa ukuba, abantwana abadlala imidlalo emva kwemini ukuphuma kwesikolo, ibagcina kude kwezinye izinto ezifana neziyobisi, amaqela emigulukudu nolwaphulo-mthetho. Uphononongo lwenziwe nguCathrine Ward, uNjingalwazi kwiSebe lezeNgqondo e-UCT, ebizwa ngokuba yiMithombo yoBundlobongela yoLutsha kunye nezisombululo eMzantsi Afrika (2013). Uphononongo lukaCatherine lubonise ukuba, ukungakwazi ukufikelela kwiindidi ezidingekayo zemidlalo emva kokuphuma kwesikolo, kukhokelela kulwaphulo-mthetho olungalawulekiyo. Olu phononongo lwenziwe eKapa, kwisixeko esithwaxwa ludushe lwemigulukudu. Imisebenzi yasemva kokufundisa egadiweyo kufuneka ibe yinto ephambili phakathi koluntu, nokubonelela abantwana ngeendawo ezikhuselekileyo. 40 45 50
- 6 Asinakufunda nto na kwiqela lesizwe lombhoxo loMzantsi Afrika leSpringboks nelaphumelela indebe yehlabathi ngowama-2019 phantsi kwesandla somqeqeshi u-Rassie Erasmus, ngokubetha i-England ngamanqaku angama-32 ku12. Inkokheli yeli qela uSiyamthanda Kolisi yaphakamisela phezulu indebe ebizwa “Webb Ellis”. Phambi kokuba amaBhokobhoko aqalise nokhuphiswano, uSiya wanikezela ngesikhipha esibhalwe namba-6 kuPrezidanti woMzantsi Afrika uCyril Ramaphosa, ngeliqhuba neempembelelo zikatat’ uNelson Mandela nowayenxibe isikhipha esinonamba-6 kwindebe yehlabathi yombhoxo ngomnyaka we-1995 besaqeqeshwa nguPeter de Villiers ngoko. Yasombuluka inamba kusukela ngoko, kuba iqela “leziTsiba-bhokwe” liphumelele uchungechunge lwemidlalo eyandulela eyokugqibela yendebe yehlabathi. Ngowama-2023 “iziTsiba-bhokwe”, zadlala ne-Ireland kunye neScotland. Amabhokobhoko aphumelela ngongciphu kwi- Ireland. 55 60
- 7 Kukhuphiswano lwamaqela asibhozo ashiyekileyo, Amabhokobhoko agagana nelizwe laseFrance. Uqulukubhode owawulapho kwakusiphuka ingca xa la makhwenkwe evana amandla kwiscrum. Zaphumelela iSpringboks ngongciphu wama-29 ku-28 wamanqaku. Kumaqela amane ashiyekileyo kolu khuphiswano, uMzantsi Afrika waqubisana nelizwe lamaNgesi i-England nalapho waphumelela ngomzuzu wokugqibela ngepenalty waphela umdlalo nge-16 ku-15. Kumagqibela kankqoyi ale ndebe, iSpringboks zadlala nelizwe laseNew Zealand nelaziwa ngokuba zii “All Blacks”. 65 70

8 Qhude!! manikini!! zindala zombini!. Imizuzu engama-80 yabagcina abalandeli beli qela bechophe ngampundwana-nye ezitulweni. 75  
 Kwisiqingatha sokuqala salo mdlalo, i-All Blacks yayisele idlala ngamadoda ali-14 kuphela, emva kokukhutshwa kwenkokheli yabo u-Sam Cane. Nangona kunjalo, kwabanzima kumakhwenkwe amakhulu oMzantsi Afrika, udonga oluluqilima lweAll Blacks lwenza kwangabonakali ukuba abaphelelanga kuba waphela umdlalo ngamanqaku ali-12 ku-11 we- New 80  
 Zealand. Ngomnyaka wama 2023 Amabhokobhoko abonisa ubumbano, ubunye nakuba beliqela elinabadlali abanamasiko nezithethe ezahlukeneyo.

[Imithombo ithatyathwe ku: <https://wearerestless.org/2024> yaguqulelwa esiXhoseni yaze yahlelwa]

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Umfanekiso uthatyathwe ku: [homepage.com](http://homepage.com)]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi woku-1.**

- 1.1 Xela indlela ibeNYE edla ngokubonwa ngayo imidlalo ngokubhalwe kwisivakalisi sokuqala. (1)
- 1.2 Khankanya izakhono zibeziBINI eziphuhliswa yimidlalo ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.3 Xela ifundiso efunyanwa ngumntu othanda imidlalo ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-2.**

- 1.4 Sibethelela ngcinga ni isimamva u-'ana' esiphawulwe ngqindilili kulo mhlathi? (2)

1.5 Bhala isithetha-ntonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-3.**

1.6 YINYANI/BUBUXOKI uluvo oluthi abasetyhini bayoyisakala kwezemidlalo, kwaye batyhafisa oontanga babo, kuba kakade bayalingana ngokwesini ngokwalo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

IProjekthi eyayilwela amalungelo abasetyhini okulingana nokhuseleko kwezemidlalo yeyakwa:

- A Ireland of Europe
  - B Springbok Bomb squad
  - C Adidas Breaking Barriers
  - D All Blacks of New Zealand
- (1)

**Jonga kumhlathi wesi-4.**

1.8 Khankanya zibeMBINI izinto ezibonakalisa amandla ezemidlalo ekumanyaniseni isizwe ngokwentetho katat'uMandela. (2)

1.9 Chaza inzuzo efunyanwa ngabantwana ngokugcinwa kwabo kwezemidlalo emva kwexesha lesikolo ngokomhlathi wesi-4 nowesi-5. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-5.**

1.10 YINYANI/LULUVO ukuba abantwana abadlala imidlalo emva kwesikolo, ibagcina kude kwezinye izinto ezifana neziyobisi, amaqela emigulukudu, nolwaphulo-mthetho ngokwalo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.11 Nika umyalezo kaNjingalwazi Cartherine Ward ofumaneka kwiziphumo zophando lwakhe kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-7 no wesi-8.**

1.12 Xela umahluko osoloko ukho kumanqaku eSpringboks kwimidlalo yaso namanye amaqela ngokwale mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-8.**

1.13 Ngqina ngokufumana kulo mhlathi ukuba kwakungelula ukuphumelela kweSpringboks kumdlalo wazo neAll Blacks. (2)

**Jonga isicatshulwa sonke.**

1.14 Chaza imfundiso oyifumene kwesi sicutshulwa ngezemidlalo. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

- 1.15 Tolika iimvakalelo zaba bantu basemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho ngokusemfanekisweni. (2)
- 1.16 Xela umhlathi kwisicatshulwa A ohambelana nokuphakanyiswa kwendebe okusemfanekisweni kwisicatshulwa B. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.17 Ucinga ukuba ezi zicatshulwa zibini ziphumelele ukukhuthaza ulutsha lukhathalele ezemidlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBULO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO****ISICATSHULWA C**

Sithetha ngezinto anokuzenza umntu, ukuphepha ukuba nomsindo xa kukho uxambuliswano.

Shwankathela ngenjongo yokucebisa ngomakwenziwe ngumntu ukuphepha ukuba nomsindo xa kuxanjuliswana.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**IINGCEBISO NGEENDLELA ZOKUPHEPHA UKUBA NOMSINDO XA KUKHO UXAMBULISWANO**

- 1 Ungquzulwano ngezimvo xa kuxanjuliswana luyenzeka, kwaye luqhelekile kubudlelwane babantu. Luyenzeka emisebenzini, nasemakhaya. Luba ngumngeni kuninzi lwethu lufuna izakhono zobulumko ukuphepha amadangatye anobushushu obunganyamezelekiyo omsindo. Nazi ezinye iingcebiso zokuphepha ukuba nomsindo xa kuxanjuliswana.
- 2 Ukusebenzisa isakhono sokuphulaphulela ukuqonda xa omnye umntu esabelana ngeembono siyimfuneko kubathabathi nxaxheba kwiingxoxo zoxambuliswano. Kwiingxoxo akukho nto ibasela umsindo ngathi yile yokuthi usathetha suka umntu akungene emlonyeni usawondlala umcimbi. Loo nto yenza abanye bashiye phakathi kwiingxoxo.
- 3 Kulungile ukubuza imibuzo kwiingxoxo, nangona kunjalo, silinde isithethi sigqibe ukuthetha, ukubonisa intlonelo nembeko utsho namwe uyiqonde nengxam yengxoxo. Ukubuza umbuzo kutsho kwandise ulwazi lwakho kwinto ubungayazi. Ngokwenza njalo ukhusela ubuwena. Iyakuphela ingxoxo uyintshatsheli ekuthabatheni inxaxheba kwiingxoxo.
- 4 Zeka kade umsindo ngexesha leengxoxo, khon'ukuze kucace phakathi kobhoxayo noncedisana nokuhambela phambili kwengxoxo. Ubusazi na ukuba xa ungakwazi ukulawula umsindo wakho, ungaziva sele ubatyabeke ngezithuko ezibi abo uxambulisana nabo? Isidima sisetyenzelwa iminyaka, kodwa sithabatha nje umzuzu ukuphulukana nomnikazi waso.

- 5 Kuphephe ukuphila kwixesha eladlulayo ngokugcina izixhiba zeengxoxo nangokulanda imiba esele idlulile, kuba awusayi kulonwabela inamhlanje ophila kulo. Ukuqhubeka namagqugula abucala namalungu osapho akukho nyulu, kuba oko kukubonda umqa wochuku kudale noxambuliswano xa kuthe kwakho ingxoxo.
- 6 Kuyanceda ukungathethi kakhulu kuxambuliswano kodwa wamkele izimvo zabanye abantu, kanti ke nokuba awuzamkeli uthule. Ingxaki yempikiswano kwiingxoxo, kukufuna ukuva le nto ikholisa wena. Iqala apho kanye ke imbambano. Omnye uye afune ukuba kuthethe kugqibele yena.
- 7 Kubalulekile ukuziqaphela iimpawu zemigaqo yendlela ehanjwa ziingxoxo, ukuze ungaziboni ulixhoba loxambuliswano. Hlala kuzo ukuze ukwazi ukuthatha izigqibo eziqiqisiweyo nezingathathi cala.
- 8 Kububulumko ukucela uxolo uphazamile, ungaphazamanga, nokuba umdala okanye umncinane xa nithe nangaboni ngaso-nye kwiingxoxo. Elo ke libizwa ngokuba, linqanaba lokusonjululwa kwengxaki. Ndiyazi ukuba siyakrakra eso senzo kodwa iyeza elikrakrayo liyaphilisa.

[Sicatshulwe kwi- Link;<https://www.colorado.edu/today/2019/04/10/how-stop-conflict-itstarts>, saze sahlelwa]

## AMANQAKU ECANDELO B: 10



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: UKUHLALUTYA INTENGISO**

Funda le ntengiso ingezantsi (ISICATSHULWA D) uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA D**

**AMANTONGOMANE ABIZWA - ALMONDS**

**ZIFUMANELE AMANTONGOMANE EMPILO !!!**

**SPIRIT ALMOND®**

**1. ANCEDA UKUSEBENZA KWENGQONDO NOXINZELELO**

**2. USOLOKO UKHANGELEKA UMCINANE, UGABI NAMIBIMBI**

**3. ANCIPHISA UKUTYEBA, AVUSELELE UMDLA WOKUTYA**

**4. AKHUSELA UMNGCIPHEKO WOKUBA NESIFO SENTLIZIYO**

**LEQA KWIVENKILE EKUFUTSHANE NAWA NGOKU !!!**

**Nourish The Day™**

[Umfanekiso uthatyathwe ku: <https://www.healthline.com>, yaze yahlelwa]

- 3.1 Xela igama lemveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Xa kuthethwa ngemibimbi kwisibhengezo kuthethwa:
- A Ngesifo sentliziyo ngenxa yokungatyi iiAlmonds.
- B Ngesifo sokuminxana kweempulo nemiphunga.
- C Ngesikhumba esihle esikwenza ukhangeleke umncinane.
- D Ngesikhumba esishwabanayo ebusweni nasentanyeni. (1)

- 3.3 Chonga igama elinye kwisibhengezo eliyenza ibengathi kulula ukubanayo le mveliso. (1)
- 3.4 Bhala isigama umthengisi athuma ngaso abathengi ukuba bathathe inyathelo lokufumana le mveliso. (2)
- 3.5 Sithini islogan sesi sibhengezo ntengiso? (1)
- 3.6 Khankanya umsebenzi omNYE kule ikwesi sibhengezo okhuthaza umfundi ukuba afune ukuyisebenzisa le mveliso. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.7 Ngqina ukuba iyasebenza ngenene na le mveliso xa uthelekisa isiqu sentombazana nokubhalwe kwinombolo-3. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**

[Icatshulwe kwi-intanethi [www.zitscartoons.com](http://www.zitscartoons.com), yaguqulelwa esiXhoseni yaze yahlelwa]

- 4.1 Xela igama lesandi esenziwa ngutata kwiSAKHELO soku-1 nokuba senziwa ngumntu okweyiphi imo. (2)
- 4.2 Nika umahluko kwizijekulo zezandla zikatata nonyana kwiSAKHELO sesi-3. (2)
- 4.3 Kuzisa ntsingiselo ni ukusetyenziswa kwegama 'bhuxu-bhuxu' ngutata nonyana kwiSAKHELO sesi-3. (2)
- 4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:  
Xa ujonge le khathuni iqhubeka phi?
- A Esikolweni  
B Ekhaya  
C Ecaweni  
D Emlanjeni (1)
- 4.5 Nggina ngokubona kwiSAKHELO sesi-4 ukuba utata unxunguphele kwaye akavakalelwa kamnandi. (1)
- 4.6 Xhasa uluvo lokuba uphumelele umzobi ukudlulisa umyalezo wokuba ukwahluka kwamaxesha okuzalwa kunendima okuyidlalayo kwiindlela zokwenza izinto. (2)

**[10]**

**UMBULO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO**

Funda ISICATSHULWA F, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F****UBUXOKI**

- 1 **Omnye** umfana phaya kuthi uvela eRhawutini, ekubeni ebetshiphe iminyaka emininzi. Wafika engenayo *nepeni*, enxibe ibhulukhwe yekaki nehemphe kuphela, kungekho nebhathi leyo. Ngenxa yeentloni nokoyika abantu waphuma esitishini ekuseni, efuna ukuba kuthi kusisa abe ekowabo. Zakhala iinkukhu **ehamba**. Uthi wathi xa ezimamela iinkukhu, zanga zibhekisa kuye zithi, “uyakuba yiloo nto ngumbethe”.
- 2 Wathi kusasa sefikhile ekhaya, kwema inkunzi yenkukhu emnyango yakhonya isithi “Ubuyil’ umfana-a-**ana!**” yaphendula enye ebuhlanti yathi, “Akanayo nepe-e-eni!” Kwakho mqhagana ufunda ukukhonya ebaleni wathi, “Unxib’ibhulukhwe ekaki”. Loo mfana sampha igama lokuba nguMaxoxwa ziinkukhu. Bunjalo ke ubuxoki.
- 3 Kwaba njalo ke nakwibali likanomyayi. Kwesuka gagwazana lithile lomfazana lagqiba ilali lihamba lixelela abantu ukuba naku unomyayi ethetha esithi, “Bafazi inimba mayibe nye ngabantwana bam!”. Baphuma bebaleka abantu ezindlini besiya kuva esi simanga sonomyayi othethayo. Bathe bakufika bemamele wanga unomyayi uyathetha ngenene kuba sebexelelwe loo nto. Yeka ke, ukuyidumisa beyenza eyabo, bexelela nabanye ababengekho, nababengekho baxelela ababo suka into yagqiba ilizwe, yaduma wanga ubethethe ngenene unomyayi.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi ‘*IMITHA YELANGA*’ ebhalwe ngu- W.K. Tamsanqa, iphepha 17, saze sahlelwa]

- 5.1 Khetha kwizibiyeli isigaba sentetho segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi sokuqala.  
(Sisiphawuli esino-nye olinani/Sisiphawuli esino-nye ongelonani) (1)
- 5.2 Ngokwakwisicatshulwa cacisa ukuba yiyiphi le “**peni**” kuthethwa ngayo kwisivakalisi sesibini? (1)
- 5.3 Chonga igama elixela ixesha kwesi sivakalisi silandelayo.  
Ngenxa yeentloni nokoyika abantu waphuma esitishini ekuseni efuna ukuba kuthi kusisa abe ekowabo. (1)
- 5.4 Xela ukuba sikoluphi uhlobo isenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?  
Zakhala iinkukhu **ehamba**. (1)

- 5.5 Xela umsebenzi wesimamva u 'ana' esibhalwe ngqindilili kumhlathi wesibini. (2)
- 5.6 Sebenzisa igama 'unomyayi' elikrwelelwe umngca ngaphantsi kumhlathi wesi-3 kwesinye isivakalisi esinentsingiselo eyahlukileyo kule ikulo mhlathi. (2)
- 5.7 Bhala isivakalisi esilandelayo sibekwingxelo-ntetho.  
Unomyayi wathetha esithi "bafazi inimba mayibenye ngabantwana bam!" (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**





Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo  
Provinsie van die Oos Kaap: Departement van Onderwys  
Porafensie Ya Kapa Botjhabela: Lefapha la Thuto

# **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

## **IBANGA 12**

### **SEPTEMBER 2025**

#### **ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1 ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**



---

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-10.

---

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirwelelanga/ engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhooywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa seningqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

**ISICATSHULWA A**

- 1.1 Imidlalo idla ngokubonwa njengentshukumo yokuzonwabisa. ✓ / idla ngokubonwa njengomboniso apho abalandeli bavuyela amaqela abo abawathandayo. ✓  
**[Nayiphi na kwezi.]** (1)
- 1.2 Imidlalo iphuhlisa izakhono zobunkokheli ✓ / zokuphatha iqela. ✓ / iphuhlisa izakhono zokuqeqesha iqela. ✓ / iphuhlisa ukuzithemba. ✓ / Ukuthabatha uxanduva ✓  
**[Naziphi na izakhono ezibini kwezi.]** (2)
- 1.3 Yeyokuthabatha uxanduva. ✓✓ (2)
- 1.4 Sibethelela ukuba isenzo senzeka macala. ✓✓ (2)
- 1.5 Aquka ✓ (1)
- 1.6 Bubuxoki, abasetyhini bagqwesa kwezemidlalo bakhuthaze oontanga babo kwaye benze iqonga lonxibelelwano ngokulingana ngokwesini. ✓✓  
**[Nayiphi na kwezi.]** (2)
- 1.7 C. ✓ / Adidas Breaking barriers. ✓ (1)
- 1.8 Inamandla okutshintsha ihlabathi ✓ / okukhuthaza ✓ / nokumanya abantu ✓ / ithetha nolutsha ngolwimi abalunqondo ✓  
**[Nasiphi isibini kwezi.]** (2)
- 1.9 Ngokomhlathi wesi-4 bafumane umoya omtsha ofuneka kakhulu kwimiphunga yabo ✓ bafunda indlela yokusebenza nabanye abantu ukusombulula iingxaki/ ukuthobela abasemagunyeni ✓  
 Ngokomhlathi wesi-5 ibagcina kude neziyobisi ✓ / amaqela emigulukudu ✓ nolwaphulo-mthetho ✓ (2)
- 1.10 Yinyani kuba kukho ubungqina bophononongo olwenziwe ngu Njingalwazi Cathrine Ward. ✓✓ kwisebe lezengqondo e-UCT. /  
 Yinyani kuba uNjingalwazi Cathrine Ward wenze uphononongo kwimithombo yobundlobongela yolutsha kunye nesisombululo eMzantsi Afrika ngo-2013 ✓✓ ngoko ke kukho ubungqina obuphathekayo.  
**[Nayiphi na kwezi.]** (2)
- 1.11 Umyalezo ka Njingalwazi Cathrine Ward uthi “Abantwana mababonelelwe ngendawo ekhuselekileyo.” ✓✓ / Abantwana mababonelelwe ngendawo ekhuselekileyo xa sele siphumile isikolo. ✓✓  
**[Nayiphi na kwezi.]** (2)

- 1.12 Asoloko ephumelela ngenqaku elinye elingumahluko kumanqaku eqela elidlala nalo. ✓ (1)
- 1.13 Ndiyangqina kuba ngokwalo mhlathi iSpringboks zasokoliswa ludonga oluluqilima lweAll Blacks kuba waphela umdlalo ngamanqaku ali-12 ku-11 we-New Zealand. ✓✓ (2)
- 1.14 Yeyokuba imidlalo iyakwazi ukumanya isizwe esineentlanga ezohlukeneyo. ✓✓ (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo.]** (2)
- 1.15 Bonwabile ✓/bayavuya ✓/bachulumancile ✓ kuba bayahleka ✓/ bayakhwaza ngexa yempumelelo ✓/ bavuyela indebe ✓ (2)
- 1.16 Ngumhlathi wesi-6 kuba kulo mhlathi kuthiwa uSiya Kolisi waphakamisa indebe ebizwa ngokuba yi Webb Ellis, kumfanekiso uSiya Kolisi/umfana uphakamise indebe. ✓✓ (2)
- [Nayiphi na kwezi.]** (2)
- 1.17 Ziphumelele kuba ngokomhlathi woku-1 ulutsha lufumana izakhono zobunkokheli nokuphatha amaqela/ ngokomhlathi wesi-6 ulutsha lugcinwa zezemidlalo kude neziyobisi, imigulukudu nolwaphulo-mthetho, nasemfanekisweni kubonise abantu abatsha bevuyela indebe yempumelelo. ✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

#### QAPHELA

- **Imo**
  - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwini eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaliseni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathele.)

### UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1	Ukusebenzisa isakhono sokuphulaphulela ukuqonda xa omnye umntu esabelana ngeembono siyimfuneko kubathabathi nxaxheba kwiingxoxo ezinoxambuliswano.	1	Sebenzisa isakhono sophulaphula ngokunzulu iintetho zabanye kwiingxoxo ezinoxambuliswano.
2	Kulungile ukubuza imibuzo kwiingxoxo, nangona kunjalo, silinde isithethi sigqibe ukuthetha, ukubonisa intlonelo nembeko utsho uyiqonde nengxam yengxoxo.	2	Funda ukusilinda isithethi sigqibe ukuthetha phambi kokubuza umbuzo ngenjongo zokusihlonipha.
3	Zeka kade umsindo ngexesha leengxoxo, khon'ukuze kucace phakathi kobhoxayo noncedisana nokuhambela phambili kwengxoxo.	3	Zama kangangoko ukubanomoya ophantsi ukwazi ukubona kwangoko abanjongo zitenxileyo nabazimiseleyo.
4	Kuphephe ukuphila kwixesha eladlulayo ngokugcina izixhiba zeengxoxo nangokulanda imiba esele idlulile, kuba awusayi kulonwabela inamhlanje ophila kulo.	4	Kwazi ukucima engqondweni yakho iimbambano zangezolo zeengxoxo ukuze ukwazi ukuphilela inamhlanje.
5	Kuyanceda ukungathethi kakhulu kuxambuliswano kodwa wamkele izimvo zabanye abantu, kanti ke nokuba awuzamkeli uthule.	5	Mamelisisa iintetho zabanye uthethe ngokuhloniphayo xa ungavumelani nabo okanye uthule.
6	Kubalulekile ukuziqaphela iimpawu zemigaqo yendlela ehanjwa ziingxoxo, ukuze ungaziboni ulixhoba loxambuliswano.	6	Kuluncedo ukuyibamba imigaqo yeengxoxo ukunqanda uxambuliswano.
7	Kububulumko ukucela uxolo uphazamile, ungaphazamanga, nokuba umdala okanye umncinane xa nithe nangaboni ngaso-nye kwiingxoxo.	7	Kulungile ukwehla uzithobe xa wenze impazamo.

**UBHALO NGOKOMHLATHI**

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

**UMHLATHI**

Sebenzisa isakhono sokuphulaphula ngokunzulu iintetho zabanye kwiingxoxo ezinoxambuliswano. Funda ukusilinda isithethi sigqibe ukuthetha phambi kokubuzisa umbuzo ngenjongo zokusihlonipha. Zama kangangoko ukubanomoya ophantsi ukwazi ukubona kwangoko abanjongo zitenxileyo nabazimiseleyo. Kwazi ukucima engqondweni yakho iimbambano zangezolo zeengxoxo ukuze ukwazi ukuphilela inamhlanje. Mamelisisa iintetho zabanye uthethe ngokuhloniphayo xa ungavumelani nabo okanye uthule. Kuluncedo ukuyibamba imigaqo yeengxoxo ukunqanda uxambuliswano. Kulungile ukukwehla uzithobe xa wenze impazamo.

**[61 amagama]****AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UKUMAKISHA ICANDELO C**

- Upelo
  - Iimpindulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpindulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impindulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impindulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impindulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UMBULO 3: UKUCAZULULA INTENGISO**

- 3.1 Ngamantongomane abizwa Almonds. ✓ zii- Almonds. ✓ / zii-nuts ze- Almonds. ✓
- [Nayiphi na kwezi.]** (1)
- 3.2 D. ✓ / Sisikhumba esishwabeneyo ebusweni nasentanyeni xa umdala. ✓ (1)
- 3.3 “zifumanele”. ✓ (1)
- 3.4 Leqa kwivenkile ekufutshane nawe ngoku!!! ✓✓/ Zifumanele amantongomane empilo ✓✓ (2)
- 3.5 Nourish the day. ✓ (1)
- 3.6 Ngumsebenzi oncedisana nokusebenza kwengqondo noxinzelelo, kuba umfundi usebenzisa ingqondo xa efunda izifundo zakhe. ✓✓ / kuba umfundi udinga ingqondo engenaxinzelelo ukuze aphumelele kakuhle. ✓✓ (2)
- [Nayiphi na kwezi.]** (2)
- 3.7 Ndiyanguqina ukuba ngenene iyasebenza le mveliso xa ndithelekisa isiqu esincinane. ✓ / esinciphileyo / esicekecekana sentombazana nomsebenzi wemveliso okukunciphisa ukutyeba. ✓ (2)
- [10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

- 4.1 Kukuzamla, √ kuba kwenziwa ngumntu odiniweyo. √ / owozelayo. √ / olambileyo. √

**[Nayiphi na kwezi.]**

(2)

- 4.2 Isandla sikatata sibambe esifubeni, kanti unyana uphakamise ubhontsi/ uthethe sho. √√

(2)

- 4.3 Eyokuvasa ngokukhawulezisa eshawarini/ Eyokuvasa ngokukhawuleza √√

(2)

- 4.4 B √ ekhaya √

**[Nayiphi na impendulo kwezi.]**

(1)

- 4.5 Ukungqengqa ngecala akhuphe amehlo endaweni yokulala ibonisa ukuba ngenene utata unxunguphele. √ / Ukuqubuda incwadi ayeke ukufunda kubonisa ukuba ngenene uxhelekile emphefumleni. √

**[Nayiphi na kwezi.]**

(1)

- 4.6 Ndiyaxhasa ukuba uphumelele kuba utata mdala/ngowakudala akugqiba ukuvasa uyalala, kanti unyana mncinci/mtsha/ngowalamaxesha akugqiba ukuvasa uyazikhupha nabahlobo. /Utata mdala ayimphathi kakuhle into yonyana wabo ohamba ebusuku kanti unyana mtsha uyakonwabela ukuhamba ngobusuku √√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo.]**

(2)

**[10]**



**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO**

- 5.1 Sisiphawuli esino-nye ongelonani. ✓ (1)
- 5.2 Yimali. ✓ (1)
- 5.3 ekuseni ✓ (1)
- 5.4 Sisenzi esikuhlobo lokuqhubeka ✓ (1)
- 5.5 Kukubonisa ubuncinci ngokokuzalwa. ✓✓ (2)
- 5.6 Wakhala uNomyayi ephazamisa intlanganiso wakhalaza usihlalo. ✓✓

**[Nayiphi impendulo echanekileyo.]** (2)

- 5.7 Unomyayi wathetha nabafazi ngenimba ✓ emayibenye ✓ ngabantwana bakhe. ✓

**[Nasiphi isibini kwezi.]** (2)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**

